



UMZEKELO

Imiyalelo kubafundi:

1. Funda yonke imiyalelo ngocoselelo.
2. Phendula yonke imibuzo.

Funda eli bali elilandelayo uze uphendule imibuzo 1 – 4.

Ebusika bonke abantwana esikolweni sikaZanele banxiba iihempe ezinemikhono emide ngaphandle koZanele. Yena unxiba ihempe enemikhono ebhaku-bhaku ayithungelwe ngumama wakhe. Umama wakhe umthembise ngokumnika ihempe kaBonga yakuba ncinane kuye.

Xa kufikwa eklasini yakhe, uZanele uphuma phambili ekufundeni nakwizibalo. Utitshala uyakuthanda ukubonisa abanye abantwana umsebenzi wakhe. "Awu!" batsho abanye abantwana, bencoma.

Ngexesha lokudlala, uZanele nabahlobo bakhe uThandi noLinda bathanda ukudlala undize, babile babeshushu. UThandi noLinda bayazikhulula ijezi zabo, kodwa uZanele akayikhululi eyakhe. Kuthe kanti uThandi uyiqaphele le nto kuba nanko esebezela uZanele esithi "Ndiyazi ukuba kutheni ungayikhululi ijezi Zanele, kodwa musa ukukhathazeka. Ndiza kunika enye yeehempe zam." Le nto imvuyisa kakhulu uZanele kuba akazukulinda ihempe kaBonga.

ISIPHUMO SESIFUNDO 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA

1. **Phawula ibhokisi enempendulo echanekileyo.**

Ngubani owayethanda ukudlala noZanele?

NguBonga noLinda

NguThandi NoBonga

NguLinda NoThandi

NguYonela noBonga

ISIPHUMO SESIFUNDO 6: UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

2. Bhala amagama ebalini achasene nala alandelayo:

2.1 nkulu _____ (umhlathi 1)

2.2 akayinxibi _____ (umhlathi 3)

ISIPHUMO SESIFUNDO 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA

3. Ezi zivakalisi zilandelayo zisixelela ngoZanele nehempe yakhe.

Bonisa ukulandelelana kokwenzeka kwezinto ebalini nokunombola (1 – 4) ezi bhokisi zilandelayo.

UThandi wathembisa uZanele ihempe.	<input type="checkbox"/>
UZanele ulusizi kuba unxiba ihempe ethungwe ekhaya.	<input type="checkbox"/>
UBonga akazukuba samnika uZanele ihempe yakhe.	<input type="checkbox"/>
UMama kaZanele umthungele ihempe yesikolo.	<input type="checkbox"/>

ISIPHUMO SESIFUNDO 5: UKUCINGA NOKUQIQA

4. Phendula imibuzo elandelayo.

4.1 Yenza isangqa kunobumba onempendulo echanekileyo.

Khetha igama elimchaza kakuhle uZanele.

- A. uyageza
- B. unembeko
- C. ukrelekrele
- D. Unenkathalo

4.2 Nika isizathu ngempendulo yakho.

ISIPHUMO SESIFUNDO 4 - UKUBHALA

- 5. Bhala izivakalisi ezintlanu (5) ngezinto ozenzayo ekhaya. Sebenzisa oonobumba abakhulu neziphumlisi apho kufanelekileyo.**

ISIPHUMO SESIFUNDO 5: UKUCINGA NOKUQIQA

- 6. Funda le theybhile ilandelayo uze uphendule imibuzo.**

Ucwangciso lohambo		
Amagama	Usuku lweveki	Indawo
Bomkazi	ngoLwesine	eMthatha
Zakhe	ngoMvulo	eCala
Ntondo	ngoLwesithathu	kuKomani
Musa	ngoLwesihlanu	eQonce
Lisa	ngoMgqibelo	kuQumbu

- 6.1 Ngubani ofanele ukuya eQonce ngoLwesihlanu?**

- 6.2 Ufanele ukuya nini uNtondo kuKomani?**
